IMIGAQO YEBHAYIBHILE YEZOLIMO



BIBLICAL PRINCIPLES OF AGRICULTURE

Musani ukuthiya umsebenzi obulalekayo, nantsimi ayimiselo Osenyangweni.
Sirach 7:15

Uwathoba njani amaxabiso okutya

Vimbela imifanekiso engamanyala kunye nemiboniso eshukumayo eshukumayo kuba ezi ntlobo zokuzonwabisa ziya kubangela indlala. (Tobit 4:13)
Indlala iya kulinyusa kakhulu ixabiso lokutya. (2 Kumkani 6:25)
Musa ukuziphulula amalungu esini kuba oko kuya kukwenza wonqene. (Ubulumko bukaSolomon 3:14; IMizekeliso 24:30-34)
Yenza umgaqo-nkqubo othi AKUKHO MSEBENZI UNGADLI. (2 Tesalonika 3:10)

Ukwandisa izibonelelo zendalo. Yabela yonke imihlaba esecaleni komlambo ukuze kulinywe. Yenza iimpompo zamanzi okanye amaqula kumzi ngamnye ingakumbi abo bakude nemilambo . (Isaya 32:20)
Qokelela amanzi emvula. (Levitikus 26:3-5)
Khulisa iinkomo. (IMizekeliso 14:4)

Ukukhuthaza ubukhulu kunye nexabiso lezolimo. (Ileta ka-Aristeas 5:9-10,13)
Khuthaza abemi bazilimele ukutya. (IMizekeliso 6:6-8; IMizekeliso 27:23-27)
Isixeko ngasinye kufuneka sibe nakho ukubonelela ngokutya kwaso. (Genesis 41:48)

IPentatiki

Wathi uThixo, Umhlaba mawuphume uhlaza, imifuno evelisa imbewu, imithi yeziqhamo, eyenza iziqhamo ngohlobo lwayo, embewu ikuyo, emhlabeni. Umhlaba waphuma uhlaza, nemifuno evelisa imbewu ngohlobo lwayo, nemithi eyenza iziqhamo, embewu ikuyo, ngohlobo lwayo. Wabona uThixo ukuba kulungile. Wathi uThixo, Yabonani, ndininikile yonke imifuno evelisa imbewu, ephezu komhlaba wonke, nayo yonke imithi eneziqhamo zemithi evelisa imbewu; yoba kukudla kuni. Genesis 1:11-12, 29

Wathi uThixo, Masenze umntu ngokomfanekiselo wethu ngokufana nathi, babe nobukhosi ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu, nasezintweni ezizitho zine, naphezu komhlaba wonke, nasezinambuzaneni zonke ezinambuzelayo emhlabeni. Wamdala ke uThixo umntu ngokomfanekiselo wakhe; wamdala ngokomfanekiselo kaThixo; wadala indoda nenkazana. Wabasikelela uThixo, wathi kubo uThixo, Qhamani, nande, niwuzalise umhlaba, niweyise, nibe nobukhosi ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu, nasezintweni zonke ezinambuzelayo emhlabeni. Genesis 1:26-28

UYehova uThixo wantshulisa emhlabeni yonke imithi enqwenelekayo ngokukhangeleka, nelungele ukudliwa; nomthi wobomi esazulwini somyezo, nomthi wokwazi okulungileyo nokubi. Genesis 2:9

KuAdam wathi, Ngokuba uphulaphule izwi lomkakho, wadla kuwo umthi endakuwisela umthetho ngawo, ndathi, Uze ungadli kuwo, uqalekisiwe umhlaba ngenxa yakho; uya kudla kuwo ubulaleka yonke imihla yobomi bakho; Uya kukuntshulela imithana enameva neenkunzane; Uze uyidle imifuno yasendle; Uya kudla ukudla kokubila kobuso bakho, ude ubuyele emhlabeni; ngokuba uluthuli, uya kubuyela kwaseluthulini. Genesis 3:17-19

UYehova uThixo wamndulula emyezweni we-Eden, ukuba asebenze umhlaba abethatyathwe kuwo. Genesis 3:23

UIsake wahlwayela kwelo zwe, wazuza ngaloo mnyaka imilinganiso elikhulu; uYehova wamsikelela. Genesis 26:12

Ngoko uFaro makakhangele indoda eyingqondi, esisilumko, ayimise phezu kwelizwe laseYiputa. Makenze le nto uFaro, alimisele abaveleli ilizwe, athabathe isihlanu selizwe laseYiputa ngeminyaka yosixhenxe yendyebo. Mababuthe konke ukudla kwaloo minyaka ilungileyo izayo, bafumbe ingqolowa phantsi kwesandla sikaFaro, kube kukudla emizini; Oko kudla kube yinto ebekelwe ilizwe iminyaka yosixhenxe yendlala, eya kubakho ezweni laseYiputa; ukuze lingatshabalali ilizwe yindlala. Genesis 41:33-36

Wakubutha konke ukudla kweminyaka esixhenxe ebikho ezweni laseYiputa, wakubeka ukudla kuyo imizi; ukudla kwamasimi abewujikelezile umzi, wakubeka khona. Genesis 41:48

Yaqala ukufika iminyaka yosixhenxe yendlala, njengoko wayekuthethile uYosefu. Yabakho indlala kumazwe onke; ke kulo lonke ilizwe laseYiputa kwakukho isonka. Lonke ilizwe laseYiputa laba nendlala; abantu bakhalela isonka kuFaro; wathi uFaro kuwo onke amaYiputa, Yiyani kuYosefu; athe wakuthetha kuni kwenzeni. Genesis 41:54-55

UYosefu wamondla uyise, nabazalwana bakhe, nendlu yonke kayise, ngesonka, ngangokuswela kosapho lwabo. Bekungekho sonka kulo lonke ilizwe; kuba ibinzima kunene indlala; ilizwe laseYiputa nelizwe lakwaKanan laphelelwa ngamandla ngenxa yendlala. Wayihlanganisa uYosefu yonke imali eyafunyanwayo ezweni laseYiputa nasezweni lakwaKanan, yengqolowa ababeyithenga; wayingenisa uYosefu imali endlwini kaFaro. Yaphela imali ezweni laseYiputa nasezweni lakwaKanan, eza onke amaYiputa kuYosefu, athi, Siphe isonka; yini na ukuba sife phambi kwakho? kuba imali isiphelile. Wathi uYosefu, Rholani imfuyo yenu; ndokunika ngemfuyo yakho, ukuba imali ithe yaphela. Ayizisa imfuyo yawo kuYosefu, uYosefu wawanika ukudla ngamahashe, nangempahla emfutshane, nangeenkomo, nangeemazi zamaesile; Waphela ke loo mnyaka, beza kuye ngomnyaka wesibini, bathi kuye, Asinakukufihla enkosini yam, ukuba imali yethu iphele; nemfuyo yethu ineenkomo enkosini yam; akusalanga nto phambi kwenkosi yam, yimizimba yethu ke namihlaba yethu yodwa. Yini na ukuba sife phambi kwakho, thina aba nomhlaba wethu. sithenge thina nomhlaba wethu ngesonka, thina nomhlaba wethu sibe ngabakhonzi bakaFaro; usinike imbewu, siphile, singafi, lingaphanzi ilizwe. UYosefu wawuthengela uFaro wonke umhlaba waseYiputa; kuba amaYiputa athengisa elowo ngentsimi yakhe, kuba indlala yabe inzima phezu kwawo, ilizwe laba lelikaFaro. Abantu wabafudusela emizini, kwathabathela ekupheleni komnye umda waseYiputa kwesa ekupheleni komnye. Genesis 47:12-21

Wathi uYosefu ebantwini, Yabonani, namhla nina nomhlaba wenu ndinithengele uFaro; nantsi ke imbewu yenu, hlwayelani umhlaba. Kothi eluvundeni, nimnike uFaro isihlanu, izahlulo ezine zibe zezenu, zibe zezembewu yentsimi, nezokudliwa nini, nabezindlu zenu, nezokudliwa lusapho lwenu. Genesis 47:23-24

Wowuhlwayela umhlaba wakho iminyaka emithandathu, ubuthe iziqhamo zawo; ke ngomnyaka wesixhenxe wowuyeka, ulale; ukuze adle amahlwempu abantu bakowenu, okuseleyo kudliwe ziinyamakazi. Uze wenjenjalo kwisidiliya sakho nakwiminquma yakho. Eksodus 23:10-11

Nize nikhonze uYehova uThixo wenu, asisikelele isonka sakho, namanzi akho; ndisisuse isifo phakathi kwakho. Eksodus 23:25

Ekuvuneni kwenu isivuno selizwe lenu, uze ungawavuni ugqibelele amacala entsimi yakho, ungabhikici lubhikico lokuvuna kwakho; Uze ungasicholi isidiliya sakho; wozishiyela olusizana nomphambukeli: ndinguYehova, uThixo wenu. Levitikus 19:9-10

Ize niyigcine imimiselo yam. Iinkomo zakho uze ungazizekisi kwiintlobo ezimbini; uze ungayihlwayeli inzala yembewu intsimi yakho; Levitikus 19:19

Xa nifikileyo ezweni, natyala yonke imithi edliwayo, nothi iziqhamo zayo zikukungaluki; iminyaka emithathu yoba njengengalukanga kuni; Levitikus 19:23

Ekuvuneni kwenu isivuno selizwe lenu, uze ungabhikici emacaleni entsimi yakho ekuvuneni kwakho, ungabhikici lubhikico lokuvuna kwakho, wolushiyela olusizana nowasemzini: ndinguYehova, uThixo wenu. Levitikus 23:22

Woyihlwayela iminyaka emithandathu intsimi yakho, usithene isidiliya sakho iminyaka emithandathu, uhlanganise isiqhamo saso; ke umnyaka wesixhenxe woba yisabatha yesabatha kulo ilizwe, isabatha kuYehova. Uze ungayihlwayeli intsimi yakho, ungasitheni isidiliya sakho; Levitikus 25:3-4

Umnyaka woba ngowentlokoma kuni, umnyaka wamashumi omahlanu kuni; ize ningahlwayeli, ningayivuni ummilela wayo, ningasisiki isidiliya esingathenwanga. Ngokuba le ntlokoma yoba ngcwele kuni; yoba ngcwele kuni; noludla luvela entsimini ungeniselo lwayo. Levitikus 25:11-12

Ize niyenze imimiselo yam, niwagcine amasiko am, niwenze; nohlala kulo ilizwe nikholosile. ilizwe livelise iziqhamo zalo, nidle nihluthe, nihlale nikholosile kulo. Xa nithe, Sodla ntoni na ngomnyaka wesixhenxe? yabona, singahlwayeli, singahlanganisi lungeniselo lwethu; ndoyiwisela umthetho intsikelelo yam ibe kuni ngomnyaka wesithandathu, iluvelise ungeniselo lweminyaka emithathu. Nohlwayela ngomnyaka wesibhozo, nidle amahasa kude kube ngumnyaka wesithoba; ide ifike isiqhamo sayo, noyidla engxoweni endala. Levitikus 25:18-22

Ukuba nithe nahamba ngemimiselo yam, nayigcina imithetho yam, nayenza; ndoninika imvula ngexesha elililo, ilizwe lininike indyebo yalo, nemithi yentsimi ivelise iziqhamo zayo. 16 Kwaye ukubhula kwenu kuya kufikelela ekuvunweni kweediliya, ukuvunwa kweediliya kufikelele ekuhlwayeleni, nidle isonka senu, nihluthe, nihlale ezweni lenu nikholosile. Levitikus 26:3-5

Sonke isishumi somhlaba, sembewu yelizwe, neseziqhamo zomthi, sesikaYehova; singcwele kuYehova. Levitikus 27:30

Ngokuba uYehova uThixo wakho ukungenisa ezweni elihle, ilizwe elinemilanjana yamanzi, lemithombo yamanzi enzonzobila, eliphuma ezintlanjeni nasezindulini; Lilizwe lengqolowa, nerhasi, nediliya, namakhiwane, neerharnati; ilizwe leminquma yeoli, nobusi; ilizwe ongayi kudla sonka kulo, ongayi kuswela nto kulo; lilizwe elimatye asentsimbini, ezindulini zalo womba ubhedu. udle, uhluthe, umbonge uYehova uThixo wakho ngenxa yelizwe elihle akunike lona. Duteronomi 8:7-10

Kothi, ukuba nithe nayiphulaphula ngenyameko imithetho yam endiniwiselayo namhla, yokuba nimthande uYehova uThixo wenu, nimkhonze ngentliziyo yenu yonke, nangomphefumlo wenu wonke, ndininike imvula yelizwe lenu ngexesha layo elimisiweyo, imvula yokuqala neyakwindla, uhlanganise ingqolowa yakho, newayini yakho entsha, neoli yakho; ndizinike utyani iinkomo zakho, emadlelweni akho, udle uhluthe. Duteronomi 11:13-15

Uze unikele isishumi songeniselo lonke lwembewu yakho ephuma entsimini, iminyaka ngeminyaka; Duteronomi 14:22

Uze ungasihlwayeli isidiliya sakho iintlobo ngeentlobo zembewu; hleze inzala oyihlwayeleyo, kunye nongeniselo lwesidiliya sakho, lulunge ngakumbi. Duteronomi 22:9

Xa uthe waluvubula intsimi yakho, walibala isithungu entsimini, uze ungabuyi uye kusithabatha: soba sesomphambukeli, senkedama, nesomhlolokazi, ukuze akusikelele uYehova uThixo wakho emsebenzini wonke wezandla zakho. Duteronomi 24:19

Kothi, ukuba uthe waliphulaphula ngenkuthalo izwi likaYehova uThixo wakho, ukuba uyigcine wenze yonke imithetho yakhe endikuwiselayo namhla, uYehova uThixo wakho akuphakamise ngaphezu kweentlanga zonke zehlabathi, zibe phezu kwakho ezi ntsikelelo zonke, zikufumane, xa uthe waliphulaphula izwi likaYehova uThixo wakho. Wosikelelwa esixekweni, usikelelwe emaphandleni. sisikelelwe isiqhamo sesizalo sakho, nesiqhamo somhlaba wakho, nesiqhamo sempahla yakho ezitho zine, nenkonyana yenkomo yakho, namatakane empahla yakho emfutshane. isikelelwe ingobozi yakho, noxovulelo lwakho. Duteronomi 28:1-5

UYehova wokwandisela okulungileyo esiqhameni sesizalo sakho, nasesiqhameni senkomo yakho, nasesiqhameni somhlaba wakho, emhlabeni lowo awafungayo uYehova kooyihlo ukuba wokunika. UYehova wokuvulela uvimba wakhe olungileyo, izulu lilinike imvula ilizwe lakho ngexesha layo, awusikelele wonke umsebenzi wesandla sakho, uboleke iintlanga ezininzi, ungaboleki kuzo wena. Duteronomi 28:11-12

Imbali

Wena ke, noonyana bakho, nabakhonzi bakho, uze umlimele umhlaba, uzise iziqhamo, adle unyana wenkosi yakho; ke uMefibhoshete, unyana wenkosi yakho, uya kusoloko esidla isonka etafileni yam. Ke kaloku uTsibha ubenoonyana abalishumi elinabahlanu, nabakhonzi abamashumi mabini. 2 Samuweli 9:10

Kwabakho ke indlala enkulu kwaSamari. Yabona, wawungqinga ke, yada intloko ye-esile yathengiswa ngamashumi osibhozo eeshekele zesilivere, nesahlulo sesine sekabhe yendlelo yamavukuthu saba sisihlanu sesilivere. 2 Kumkani 6:25

Wathi kubantu, kubemi baseYerusalem, mabanike isabelo sababingeleli nabaLevi, ukuze babambelele emyalelweni kaYehova. Lakuvakala elo lizwi, oonyana bakaSirayeli bazisa kakhulu iintlahlela zengqolowa, newayini, neoli, nobusi, nolungeniselo lonke lwamasimi; baza bangenisa kakhulu isishumi sezinto zonke. Oonyana bakaSirayeli nabakaYuda, ababehleli emizini yakwaYuda, nabo bazisa isishumi seenkomo, nesempahla emfutshane, nesishumi sezinto ezingcwele, ezibe zingcwaliselwe uYehova uThixo wabo, bazibeka iimfumba ngeemfumba. 2 Kronike 31:4-6

sizise iintlahlela zomhlaba wethu, neentlahlela zeziqhamo zonke zemithi yonke, iminyaka ngeminyaka, endlwini kaYehova; namazibulo oonyana bethu, naweenkomo zethu, njengoko kubhaliweyo emthethweni, namazibulo eenkomo zethu, nawempahla yethu emfutshane, ukuba siziswe endlwini yoThixo wethu, kubabingeleli abalungiselela endlwini kaThixo wethu, nentlama esiyinikelayo, nentlama esiyinikelayo, nentlama yentlama kaThixo wethu; Iziqhamo zemithi yonke, nezewayini, nezeoli, zababingeleli, emagumbini endlu kaThixo wethu; nezishumi zemihlaba yethu kubaLevi, ukuze bona abaLevi bafumane izishumi emizini yonke esilima kuyo. Umbingeleli unyana ka-Aron makabe nabaLevi, ekuthabatheni kwabaLevi izishumi, bazinyuse abaLevi izishumi zezishumi ezo, bazizise endlwini yoThixo wethu, emagumbini endlu yobuncwane. Ngokuba oonyana bakaSirayeli noonyana bakaLevi baya kuzisa umrhumo wengqolowa, newayini entsha, neoli, emagumbini, apho zikhona iimpahla zengcwele, nababingeleli abalungiselelayo, nabamasango, neemvumi, singayishiyi indlu yoThixo wethu. Nehemiya 10:35-39

Imibongo

Bendiya kuquqela kuThixo, Ndilibeke kuye ityala lam: Ulowenza izinto ezinkulu ezingenakugocagoca; Izinto ezimangalisayo ezingenakubalwa: Ulonisa imvula phezu komhlaba, Athumela amanzi emaphandleni: Yobhi 5:8-10

Umphathise ubukhosi phezu kwemisebenzi yezandla zakho; Zonke izinto uzibeke phantsi kweenyawo zakhe: Zonke izimvu neenkomo, namarhamncwa asendle; Iintaka zezulu, neentlanzi zolwandle, Into ehamba ngeendlela zolwandle. Yehova, Nkosi yethu, Hayi, ubungangamsha begama lakho ehlabathini lonke! INdumiso 8:6-9

Ulontshulisela iinkomo utyani, nomfuno wokunceda umntu, ukuze kuphume ukudla emhlabeni; newayini iyivuyise intliziyo yomntu, bukhanye ngeoli ubuso bakhe, nesonka siyixhase intliziyo yomntu. INdumiso 104:14-15

Uyenze intlango yaba lidike elinamanzi, Ilizwe elingumqwebedu laba ngamathende amanzi. Wabahlalisa khona abalambileyo, Bamisa umzi wokuhlala; Bahlwayela amasimi, batyala izidiliya, Bavelisa iziqhamo, baba nongeniselo. Wabasikelela, banda kunene; Akayiyeke imfuyo yabo icuthe. INdumiso 107:35-38

Yiya embovaneni, vilandini; Khangela iindlela zayo, ulumke: Yona ithi, ingenamphathi, namongameli, namlawuli, Isuke isilungisele ukudla kwayo ehlotyeni, ikubuthe ukudla kwayo ngexa lokuvuna. IMizekeliso 6:6-8

Obutha ehlotyeni ngunyana onengqiqo; Olalayo ngexa lokuvuna ngunyana owenza okuziintloni. IMizekeliso 10:5

Owusebenzayo umhlaba wakhe uhlutha sisonka; Osukelana nento engento uswele intliziyo. IMizekeliso 12:11

Ukutya okuninzi kukutya isisweli; Ke kukho otshabalalayo ngokuswela okusesikweni. IMizekeliso 13:23

Apho kungekho nkomo, umkhombe wesitali uba msulwa; Ingeniso eninzi iza ngamandla enkomo. IMizekeliso 14:4

Ivila alilimi ngenxa yengqele; Liyafuna ngexa lokuvuna, kungabikho nto. IMizekeliso 20:4

Ndagqitha entsimini yendoda elivila, nasesidiliyeni somntu oswele ingqondo; Yabona, ibisele imithana enameva, igutyungelwe ngamarhawu ebusweni bayo, nodonga lwayo lwamatye ludilikile. Ndakhangela, ndasigqala ngentliziyo, Ndabona, ndamkela uqeqesho. Ithi, Intwana yobuthongo, intwana yokozela, intwana yokukhwabusha izandla ukuba ndilale: Boza ubuhlwempu bakho njengomhambi; nokuswela kwakho njengendoda exhobileyo. IMizekeliso 24:30-34

Khuthalela ukubazi ubume bempahla yakho emfutshane, Yibhekise intliziyo yakho emihlambini yakho. Ngokuba ayingonaphakade ingqwebo; nesithsaba sesezizukulwana ngezizukulwana na? Buyavela utyani, busuke busuke utyani, nemifuno yasezintabeni ihlanganiswe. Amatakane yimpahla yakho yokunxiba, ixabiso lentsimi ziinkunzi zeebhokhwe. Woba namasi eebhokhwe okwanele ukudla kwakho, nesonka sendlu yakho, nokudlela amantombazana akho. IMizekeliso 27:23-27

Owusebenzayo umhlaba wakhe uya kuhlutha sisonka; Osukela izinto ezingento uya kuhlutha buhlwempu. IMizekeliso 28:19

Unkqangiyela intsimi ayithenge; Ngeziqhamo zezandla zakhe utyala isidiliya. IMizekeliso 31:16

Ilungelo lelizwe entweni yonke ngukumkani onyamekela umhlaba. INtshumayeli 5:9

Yonke imigudu yomntu uyenzela umlomo wakhe: ukanti umphefumlo awuzali. INtshumayeli 6:7

Ogqala umoya akayi kuhlwayela; nalowo ujonga amafu akayi kuvuna. Kusasa hlwayela imbewu yakho, nangokuhlwa ungasiphumzi isandla sakho; ngokuba ungazi ukuba kolunga kusini na, nokuba yile, nokuba yileya, nokuba zolunga ngakunye zombini na. INtshumayeli 11:4, 6

Abaprofeti

iindlebe zakho zive ilizwi ngasemva kwakho, lisithi, Nantsi indlela; hambani ngayo, nokuba nisinga ekunene, nokuba nisinga ekhohlo. Nowenza inqambi umaleko wemifanekiso yenu eqingqiweyo yesilivere, nesingxobo semifanekiso yenu etyhidiweyo yegolide; niya kuyichithachitha njengesishuba; uya kuthi kuyo, Hamba umke apha. Woyinika imvula imbewu yakho, oya kuwuhlwayela ngayo umhlaba; nesonka songeniselo lomhlaba sityebe, sibe namafutha; imfuyo

yakho iya kudla ngaloo mini emadlelweni abanzi. Iinkomo namaesile amatsha asebenza umhlaba, aya kudla umtywakaniselo onetyuwa, oweliweyo ngomnyazi nefolokhwe yokwela. Isaya 30:21-24

Hayi, uyolo lwenu bahlwayela ngasemanzini onke, bayekele amanqina enkomo nawe-esile. Isaya 32:20

isanga sibe lidike, neendawo ezinxaniweyo zimpompoze amanzi. Esikhundleni sempungutye, apho ibuthuma khona, kuya kuba butyani neengcongolo nemikhanzi. Isaya 35:7

Yini na ukuba nilinganisele imali ngento engesonka? nokubulalekela kwenu koko kunganelisiyo? Phulaphulani kum ninyameke, nidle okulungileyo, umphefumlo wenu uxhamle ukutyeba. Isaya 55:2

Kuba njengokuba kusihla imvula nekhephu ezulwini, ingabuyeli kulo, iwunyakamise umhlaba, iwuhlumise, iwuhlumise, inike umhlwayeli imbewu, imnike isonka odlayo: liya kuba njalo ilizwi lam eliphuma emlonyeni wam; aliyi kubuyela kum lilambatha, lingakwenzanga endikuthandayo, lingakuphumelelisanga oko ndikuthumele khona. Isaya 55:10-11

Ngokuba utsho uYehova kumadoda akwaYuda nakwiYerusalem ukuthi, Zikhubeleleni intsinde, ningahlwayeli emithaneni enameva. Yeremiya 4:3

Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi, Nyana womntu, xa ilizwe lithe lona kum ngokwenza ubumenemene, ndosolula isandla sam phezu kwalo, ndiwaphule umsimelelo osisonka kulo, ndithumele kulo indlala, ndinqumle kulo umntu nenkomo; Hezekile 14:12-13

Ubutyelwe entsimini elungileyo wona, ngasemanzini amaninzi, ukuze wenze amasebe, uxakathe iziqhamo, ukuba ube ngumdiliya onguwona unguwo. Hezekile 17:8

niya kuhlala ezweni endalinika ooyihlo; nibe ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wenu. Ndiya kunisindisa ebunqambini benu bonke, ndibize ingqolowa, ndiyandise, ndinganiziseli indlala. Ndosandisa isiqhamo somthi nokuphuma emasimini, ukuze ningabuyi namkeliswe isingcikivo sendlala ezintlangeni. Niya kuzikhumbula ke iindlela zenu ezimbi, neentlondi zenu ezingalungileyo, nizikruqukele ngokwenu, ngenxa yobugwenxa benu nangenxa yamasikizi enu. Hezekile 36:28-31

Zihlwayeleleni, ukuba kuvele ubulungisa; vunani ngokwenceba; zikhubeleleni umkhubelo, ngokuba ilixesha lokumquqela uYehova, ade afike aninisele ubulungisa. Hoseya 10:12

Kananjalo mna ndininike ubumsulwa bamazinyo emizini yenu yonke, nokusweleka kwesonka ezindaweni zenu zonke; anibuyelanga kum noko; utsho uYehova. Kananjalo ndayinqanda kuni imvula, kwakusele iinyanga ezintathu ngaphambi kokuvuna, ndayinisa komnye umzi, ayana komnye umzi; Imizi emibini, emithathu, ibhadulele kumzi omnye, ukuze isele amanzi; noko anibuyelanga kum; utsho uYehova. Ndanibetha ngembabala nangexoshomba; ekukhuleni kwemiyezo yenu, nezidiliya zenu, nemikhiwane yenu, neminquma yenu, yadliwa nkumbi enqunqutha; anibuyelanga kum; utsho uYehova. Ndathumela phakathi kwenu indyikitya yokufa, ngokwendlela yaseYiputa, ndawabulala ngekrele amadodana enu, ndawathabatha amahashe enu; Ndalinyusa ivumba leminquba yenu, leza emathatheni enu, anibuyelanga kum; utsho uYehova. Amosi 4:6-10

Nokuba umkhiwane awuyi kutyatyamba, Kungabikho siqhamo emdiliyeni; Ukuxelenga komnquma kuya kuphela, namasimi angavelisi kudla; iya kunqunyulwa impahla emfutshane esidleleni, kungabikho nkomo ezitalini; Habhakuki 3:17-18

Lixesha na kuni nina, lokuba nihlale ezindlwini zenu zalekiwe, ibe le ndlu yam yona ilinxuwa? Kaloku ke, utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Zigqaleni iindlela zenu. Nahlwayela kakhulu, ningenise kancinane; niyadla, nisuke ninganeli; niyasela, anizali; niyambatha, kungabikho kufudumala; nothe wamkela umvuzo, ukuba awubeke engxoweni enemingxuma. Utsho uYehova wemikhosi ukuthi; Zigqaleni iindlela zenu. Hagayi 1:4-7

Ngokuba imbewu yoxolo; umdiliya wonika isiqhamo sawo, nelizwe linike indyebo yalo, nezulu linike umbethe walo; ndizidlise ilifa zonke ezi zinto amasalela aba bantu. Zekariya 8:12

Ziziseni zonke izishumi kuvimba, ukuze kubekho ukudla endlwini yam, nindicikide ngale nto, utsho uYehova wemikhosi, ukuba andisayi kunivulela na iingcango zezulu, ndinithululele iintsikelelo, kude kungabikho ndawo yaneleyo yokusamkela. Ndoyikhalimela inkumbi edlayo ngenxa yenu, ingazonakalisi iziqhamo zomhlaba wenu; nomdiliya wenu awusayi kuwisa isiqhamo sawo phambi kwexesha; utsho uYehova wemikhosi. Zonke iintlanga ziya kuthi ninoyolo, ngokuba niya kuba lilizwe elinanziweyo; utsho uYehova wemikhosi. Malaki 3:10-12

IiVangeli

Aze athi kubafundi bakhe, Ukuvuna okunene kuninzi, kodwa bona abasebenzi bambalwa; Khungani ngoko eNkosini yokuvuna, ikhuphe abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo. Mateyu 9:37-38

Wathetha kubo iindawo ezininzi ngemizekeliso, esithi, Yabonani, umhlwayeli waphuma waya kuhlwayela. Ekuhlwayeleni kwakhe inxalenye yembewu yawa ngasendleleni, zeza iintaka zayidla zayigqiba. Enye yawa elulwalweni, apho ibingenamhlaba mninzi; zaza ngenxa yokuba zingenangcambu zoma kwaphela. Enye yawa emithaneni enameva; Yakhula imithana enameva, yayiminxa. Kodwa enye yawa kuwo wona umhlaba olungileyo, yavelisa isiqhamo, enye ikhulu, enye amashumi amathandathu, enye amashumi amathathu. Lowo uneendlebe zokuva makeve. Mateyu 13:3-9

Wababekela omnye umzekeliso, esithi, Ubukumkani bamazulu bufana nokhozo lwemostade, awaluthabathayo umntu, waluhlwayela entsimini yakhe; lona lona loluncinane okunene kuzo zonke iimbewu; kodwa xa luthe lwahluma, luyayidlula imifuno ngobukhulu, lube ngumthi, ngokokude iintaka zezulu zize zihlale emasebeni awo. Mateyu 13:31-32

Yayisithi ngoko kubo, Ukuvuna okunene kuninzi, kodwa bona abasebenzi bambalwa; khungani ngoko eNkosini yokuvuna, ikhuphe abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo. Luka 10:2

Wathetha ke nalo mzekeliso; Ubani wayenomkhiwane, utyelwe esidiliyeni sakhe; weza efuna isiqhamo kuwo, akafumana nto. Wathi ke kumsebenzi-sidiliya, Uyabona, ndiminyaka mithathu ndiza ndifuna isiqhamo kulo mkhiwane, ndingafumani nto; wugawule; yini na ukuba uwuqobe umhlaba? Aphendule ke yena athi kuye, Nkosi, wuyeke nangalo mnyaka, ndide ndimbe ndiwurhaqe,

ndigalele umgquba. Ukuba ke uthe wavelisa isiqhamo, wowuyeka; ukuba akubanga njalo, wobuya uwugawule. Luka 13:6-9

Anitsho na nina ukuthi, Kusele iinyanga ezine, kuvunwe? Yabonani, ndithi kuni, Waphakamiseni amehlo enu, niwakhangele amasimi; ngokuba aselemhlophe ukuba kuvunwe. Novunayo wamkela umvuzo, abuthele isiqhamo ebomini obungunaphakade, ukuze nalowo uhlwayelayo avuye, kunye nalowo uvunayo. Yohane 4:35-36

Inene, inene, ndithi kuni, Ukuba ukhozo lwengqolowa oluwe emhlabeni aluthanga lufe, lona luhlala lungabi nto; ke ukuba luthe lwafa, luthwala isiqhamo esininzi. Yohane 12:24

Bathi ngoko, bakuwelela emhlabeni, babona umlilo wamalahle ukhona, nentlanzi ikuwo, nesonka. Athi kubo uYesu, Zisani kwezo ntlanzi nizibambise ngokunje. Yohane 21:9-10

kanti ke noko akayekanga ukuzingqinela, esenza okulungileyo, esinika imvula evela ezulwini, namaxesha aneendyebo, ezanelisa iintliziyo zethu ngokudla nangemihlali. IZenzo 14:17

Iileta

Nditsho ke ukuthi, Lowo uhlwayela ngokuvimba wovuna kwangokuvimba; nalowo uhlwayela ngesisa wovuna kwangesisa. 2 Korinte 9:6

Unako ke uThixo ukuphuphumisela kuni ubabalo lonke; ukuze nithi, nihlala ninako nje ukwanela konke ngeendawo zonke, niphuphumele kuwo wonke umsebenzi olungileyo, (njengokuba kubhaliwe kwathiwa, “Wasasaza, wapha amahlwempu, ubulungisa bakhe buhlala phakade. 2 Korinte 9:8-11

Ke ekwenzeni okulungileyo masingethi amandla; kuba sovuna ngexesha elililo, ukuba asityhafi. Galati 6:9

Kuba naxenikweni besikuni, sanithethela ngelithi, Ukuba umntu akathandi kusebenza, makangadli nokudla. 2 Tesalonika 3:10

IApocrypha

Kuba, kwanjengokuba umlimi wahlwayela imbewu eninzi emhlabeni, watyala imithi emininzi, ke yona into ehlwayelwe ilungile ngexesha layo, ayikhuli, kananjalo bonke abo bahlwayelweyo abamilili iingcambu; abayi kusindiswa bonke. 2 Esdras 8:41

injengembewu yomlimi itshabalalayo, ukuba ayithanga ivele, ize isuke ingabi nayo imvula ngexesha elililo; okanye ukuba kuthe kwakho imvula enkulu, yayonakalisa: kwangokunjalo naye utshabalala umntu obunjwe zizandla zakho, lowo ke kuthiwe ungumfanekiselo wakho, ngokuba ufana naye, owenze zonke izinto ngenxa yakhe, wamfanekisa nembewu yomlimi. 2 Esdras 8:43-44

Sandiphendula, sathi, Njengokuba injalo intsimi, ikwanjalo nembewu; njengoko zinjalo iintyatyambo, injalo nemibala; njengoko unjalo umsebénzi, unjalo ke umsebenzi; kwanjengoko anjalo umlimi, unjalo ukulima kwakhe; kuba belixesha lehlabathi. 2 Esdras 9:17

...ngokuba ukukhukhumala kukho intshabalalo nokukhathazeka okukhulu, eburheletyweni kukho ukubola nokuswela okukhulu; Tobit 4:13

Wenza ke umfana njengoko samwiselayo isithunywa sezulu; Bayosa intlanzi, badla; bahamba ke bobabini, bada basondela e-Ekbhatane. Tobit 6:5

Linoyolo ithenwa elingenzanga nkohlakalo ngezandla zalo, elingazange licinge okubi ngoThixo; Ubulumko bukaSolomon 3:14

Musani ukuthiya umsebenzi obulalekayo, nantsimi ayimiselo Osenyangweni. Sirach 7:15

Owusebenzayo umhlaba wakhe wokwandisa imfumba yakhe; Sirach 20:28

Xa uthe wayiqwebela intsimi yonke, yihlwayele imbewu yakho, ukholose ngokulunga komthi wakho. Sirach 26:20

Bawulima ngoxolo umhlaba wabo, umhlaba wamnika indyebo yawo, nemithi yentsimi iziqhamo zayo. eyoku-1 kaMaccabes 14:8

Iincwadi ezilityelweyo zase-Eden

Ngoko abantu banyanzelekile ukuba bazinikele ekulimeni nasekulimeni umhlaba ukuze ngaloo ndlela babe nentabalala yezityalo. Ngale ndlela kulinywa lonke uhlobo kwaye kuvunwa intabalala kulo lonke eli lizwe likhankanywe ngasentla. Ileta ka-Aristeas 5:9-10

Ngokufuduka kwabo besuka emaphandleni, baye kuhlala esixekweni, bazibizela ezolimo ezolimo, waza ke wabalela ukuba bangahlali esixekweni, ukumkani wabayalela ukuba bangahlali khona iintsuku ezingaphezu kweshumi. Ileta ka-Aristeas 5:13

Ke ngoko, nyana bam, musani ukububekela indlebe ubunzwakazi babafazi; kodwa hambani ngentliziyo epheleleyo, nimhlonele uYehova, nisebenze imisebenzi emihle, nixhamle, nichume nemihlambi yenu, ide uYehova aninike umfazi ethanda ukuninika, ukuze ningabandezeli kwanjengam. ITestamente kaRubhen 2:1

Wuthobeleni umqolo wenu, nisebenze nzima nisebenze nzima, ninikela izipho kuYehova ninombulelo. Ngokuba uYehova uya kukusikelela ngentlahlela yomhlaba, njengoko wabasikelelayo bonke abangcwele, kususela kuAbheli kude kube ngoku. Ngokuba aninikwa sabelo sinye, ingekuko ukutyeba komhlaba, oziqhamo zisebenza nzima; Kuba ubawo wethu uYakobi wandisikelela, ngeentsikelelo zehlabathi, nentlahlela. ITestamente kaIsakare 1:39-42

Ndaba ngowokuqala ukuhamba isikhitshana elwandle, kuba uYehova wandinika ukuqonda nobulumko kulo. Ndehlisa umphini emva kwayo, ndolula iseyile phezu kolunye ukhuni olume nkqo

phakathi. Ndahamba ngayo elunxwemeni, ndibambisa iintlanzi endlwini kabawo, sada saya kufika eYiputa. Kwaye ngovelwano ndabelana ngento endiyibambileyo kuye wonke umntu endingamaziyo. Ke kaloku xa umntu wayengowasemzini, nokuba wayegula, nokuba yingwevu, bendiyipheka intlanzi, ndinxilise kakuhle, ndinike bonke abantu, njengoko ebesukuba eswele ngako, ndincwine, ndivelana nabo. Ngako oko uYehova wandinika ukuba ndibabambise iintlanzi ezininzi; kuba owabayo nommelwane wakhe, wamkela izihlandlo ezininzi ngakumbi eNkosini. Kangangeminyaka emihlanu ndabambisa iintlanzi, ndaza ndabanika bonke abantu endayibonayo, ndayinela yonke indlu kabawo. Kwaye ehlotyeni ndandibambisa iintlanzi, yaye ebusika ndandifuya iigusha nabazalwana bam. ITestamente kaZebhulon 2:6-13